

Vuk'uzenzele

Ipapashwe liZiko lezoNxibelelwano loLwazi lukaRhulumente (i-GCIS)

IsiXhosa/English

EkaCanzibe 2022 Ushicilelo 1

Inkxaso yezikhukula KwaZulu-Natal naseMpuma Koloni

Allison Cooper

Urhulumente uza kunceda abahlali baKwaZulu-Natal nabaseMpuma Koloni ukuba bakhe ubomi namakhaya abo ngokutsha emva kwezikhukula kutsha nje ezishiye umzila wokufa nentshabalalo kula maphondo mabini.

UMongameli u-Cyril Ramaphosa uthe uNondyebo weSizwe uza kwenza ukuba imali ifumanekе kwimizamo yokuxhasa abo bachatshzelwe zizikhukula.

"UMphathiswa wezeMali uthe ibhiliyoni enye yeeranti iyafumaneka ngokukhawuleza," utshilo.

UMongameli Ramaphosa naye uza kudibana nePalamente ukuze afumane izixhobo ezonegezelwego.

Urhulumente usebenzisana neNgxowa-mali yoManyano, icandelo labucala kunye nemibutho engekho phantsi kukanhulumente kunye neyasekuhlaleni ukuxhasa amabhoba.

Ingxowa-mali yoMa-

nyano iza kuseka i-akhawunti yebhanki eyahlukileyo yokujongana nentlekele yezikhukula ukwenzela abaxhasi baseMzantsi Afrika nabangaphandle ukuba bafake isandla kwiinzame zenkxaso.

Urhulumente uza kubonelela ngeevawutsha ukunceda amakhaya ukuba akhe ngo-kutsha izindlu ezonakeleyo, utshilo uMongameli.

"Kusafuneka kwensiwe uhlolo olubanzi lweendleko zoqoqosho zezi zikhukula, kodwa kuyacaca ukuba ziza kufikelela kwiibhiliyoni zeerandi ukuze kwakhiwe ngokutsha iziseko zophuhliso kunye nelahleko yemveliso."

Uqhube wathi imali ebe-kelwe amabhoba ezikhukula kufuneka ifikelele kwabo bayidinga kakhulu.

"Kuya kubaluleka kakhulu, njengokuba sisenza lo msebenzi, ukuba zonke izixhobo esiziqokelelayo zisetyenzi-selwe iinjongo ekujolisiwe kuzo kwaye zifikelele kwabo bafanele ukuzifumana. Akunakubakho sithuba so-rhwaphilizo, ulawulo gwenxa



UMongameli u-Cyril Ramaphosa uthe uNondyebo weSizwe uza kwenza ukuba imali ifumanekе kwimizamo yokuxhasa abo bachatshzelwe zizikhukula KwaZulu-Natal.

okanye ubuqhophololo balo naluphi na uhlobo," ugxininisile uMongameli.

Inkxaso yezigaba ezintathu

UMongameli Ramaphosa uthe urhulumente uza kusabela kule ntlekele ngokwezigaba ezintathu.


Iza kugxila kwinkxaso ekhawulezileyo yoluntu, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu ochaphazelekayo ukhuselekile kwaye iimfuno zabo ezisisiseko ziyahlangatyezwa.

"Okwesibini, siza kugxila ekuzinziseni nasekuvusele-lweni kwemeko yesiqhelo,

ukubuyisela abantu abaphulukene namakhaya kwiindawo zabo nokubuyisela ukunikezelwa kweenkonzo. Okwesithathu, siza kugxila ekwakhiwi ngokutsha," utshilo.

Isigaba sokwakha ngoku-

Liqhubeka kwiphepha lesi-2



Yilwa ulwaphulo-mthetho, hayi abafuduki

Iphepha lesi-3



I-Haemophilia inganyangeka

Iphepha le-10



Ukufunda i-Vuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:



Khangela u-SA Government kwi-Google playstore okanye kwi-appstore

QHAGAMSHELANA NATHI Vuk'uzenzele @VukuzenzeleNews

Iwebhusayithi: www.gcis.gov.za I-imayili: vukuzenzele@gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za Inombolo yomnxeba: (+27) 12 473 0103

Tshedimosetso House:

1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

EYASIMAHLA AYITHENGISWA

Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

tsha siza kuquka ukwakhiwa kwezindlu kwiindawo ezifa-nelekileyo.

Isebe lezokuHlaliswa koLuntu sele liqalislile ukuhlola umonakalo wezindlu kwiphondo jikelele.

"Umsebenzi ongxamiseki-leyo kukuhlalisa abo bantu bathe ababinamakhaya ngenxa yezikhukula kwaye ayaqhube ka namalungiselelo okubonelela ngezindlu zethuttyana," utshilo uMongameli Ramaphosa.

ISebe lemiSebenzi kaRhu-lumente kunye neZiseko zoPhuhliso liqwalasela umhlaba karhulumente ofanelekileyo onokusetye-nziselwa ukuhlalisa kwa-bantu ngokutsha.

Umonakalo omkhulu

Iimvula zibangele umona-kalo omkhulu ezindlwini; kumashishini; kwiindlela nakwiibhulorho; emanzini, embaneni, kumzila kaloliwe nakwiziseko zophuhliso lonxibelewano. Izikolo, amaziko ezempilo, izikhululo zamapolisa kunye neenkundla zoomantyi nazo zichaphazelekile, kunye nezi-bonelelo zamafutha nokuty.

"Kuqikelelwa ukuba bangaphezu kwama-270 000 abafundi abachatshazelweyo kwaza konakalisa izikolo ezingaphezu kwama-600, ezili-16 kuzo ezingakwaziyo ukufikelelwa kuzo ngenxa yokonakala kweendlela neebulorho ezidibarisayo.

"Ngamaziko okhathalelo lwempilo angamashumi ama-thandathu anesithandathu achaphazelekileyo, nangona bekukho ukuphazamiseka okuncinane kwiinkonzo zempilo kwizithili ezininzi ezichaphazelekileyo," utshilo uMongameli.

Umsebenzi omkhulu uyaqhube ka ukuze kubu-yiselwe iinkonzo ezisisiseko kwiindawo ezahlukeneyo KwaZulu-Natal.

Bangaphaya kwama-400

abantu abathe baphulukana nobomi babo KwaZulu-Natal kwaye uninzi lwabantu lulahlekile. Kukwanikezelwe ngengxelo yokubhubha komntu omnye eMpuma Koloni.

Amakhaya angaphezu kwama-4 000 atshatyalali-siwe kwaye angama-8 300 onakaliswe kancinane, nto leyo eshiye abantu abangama-40 000 bengenamakhaya.

UMongameli uthi iNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika (i-SAPS) kunye noMkhosi woKhuselo weSizwe wo-Mzantsi Afrika (i-SANDF) bezikhokela kwiinzame zokukhangela nokuhlangula.

Oku kuquka ukusasazwa kwabasebenzi be-SAPS, amaqela okuntywila, amacandelo ezinga kunye neenqanawa ezahlukeneyo, iinqwelo-ntaka kunye neenqwelo-moya ezi-sebenzisa amaphiko ukuya kwezona ndawo zichaphazelekayo.

"Inqwelo-moya ezsuka kwi-SANDF zisetyenziselwe ukuhlangula kunye nokuhanjisa kwezixhobo zenkxaso – ezingengokutya, amanzi, iintente kunye neengubo – kubantu abakwiindawo ezingafikelekyo.


"Ndigunyazise i-SANDF ukuba izise abasebenzi abaninzi, ugcino Iwamanzi kunye neixhobo zokucoca kunye namaqela eenjineli ukuncedisa ngombane kunye nokubuyiselwa kwamanzi," utshilo.Ukongeza, amasebe karhulumente kuzwelonek nakwiphondo; oomasipala; imibutho engekho phantsi kukarhulumente kunye namashishini asasaza izinto zenkxaso ezsisiseko ezifana nokuty, iingubo, oomatrasi, iimpahla, amayeza ezifo ezingapheliyo, izinto zangasese kunye neixhobo zokupheka.

Ikhabinethi isandula ukubhengeza Imeko yeNtlekele yeSizwe ukuphendula kwi-zikhukula.

UMongameli uchaze ezi zikhukula njengentlekele yoluntu efune "umzamo wenkxaso omkhulu nongxamisekileyo."



■ Iimvula zibangele umonakalo omkhulu ezindlwini; kumashishini; kwiindlela nakwiibhulorho; nakwiziseko zophuhliso zamanzi kunye nombane.



mela neenqanawa ezinkulu kakhulu nelixakekileyo kwi-lizwekazi, lichaphazeleke kanobom.

"Ukulaluleka kweZibuko laseThekwini kunye neziseko zophuhliso ezinxulumene nokusebenza ngokukuko koqoqosho lwelizwe kuthetha ukuba le ntlekele inefuthe elingaphaya KwaZulu-Natal" utshilo uMongameli.

Inkqubela sele yenziwe ekubuyiseleni ukusebenza kwiZibuko laseThekwini, kuvulwe ezinye iindlela zokuba ilori zikwazi ukufikelela kwiindawo zamazibuko kunye nokucoca inkunkuma kwizibuko.❶

"Ubomi, impilo kunye nentlalontle yamawakawaka abantu zisesemngciphekweni. Izikhukula zenze umonakalo oMzantsi Afrika kwaye lelinye leendawo zokuthu-

kwezentlalo," utshilo.

Izibuko laseThekwini, eli-baluleke kakhulu kuqoqosho oMzantsi Afrika kwaye lelinye leendawo zokuthu-

Language Practitioners
Nomgcibelo Motha | Boitumelo Phalatse
Thandolunye Magudulela | Sizwe Ziqubu

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Vuk'uzenzele
is published by Government Communications (GCIS)

abc
Printed by:
RISING SUN PRINTERS
for Government Communications

Distributed by:

ON THE DOT



government communications

Department:
Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production
Regomoditswe Mavimbela
Regomoditswe@gcis.gov.za

Editor-in-Chief
Tyrone Seale | Tyrone@gcis.gov.za

Managing Editor
Irene Naidoo | irene@gcis.gov.za

News Editor
Noluthando Motswai

Writer: More Matshediso

Graphic Designers
Tendai Gonese | Benny Kubjana

Production Assistants
Jauhara Khan | Sebastian Palmer



Yilwa ulwaphulo-mthetho, hayi abafuduki

Kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu eyadlulayo, uMgaqo-siseko wethu omtsha wentando yesininzi waqalisu ukusebenza. Ekwamkeleni lo Mgaqo-siseko, siye saqinisekisa ngokuzibophelela kwethu kulu ntu ngokusekelwe kwii-nqobo ezi semgangathweni zentando yesininzi, ubulungisa bezentlalo naku malungelo oluntu.

Kananjalo besilibaleka ngokupheleleyo ixesha elidlulileyo lethu. Eli yayili xe sha elidlulileyo lobunjineli bezentlalo obusekelwe kubuhlanga obuzibonalise ngolawulo lokungena kwabantu abaninzi, ukucin nelwa imisebenzi, iindawo zamaqela obuhlanga kanye needompasi ezoyikekayo.

Xa ookhokho bethu babebhala uMqulu weNkululeko ngowe-1955, omigaqo-siseko yawo iye yabandakanywa kuMgaqo-siseko wethu, baza babbhengeza ukuba uMzantsi Afrika ngowabo bonke abantu abahlala kuwo, babefuna uluntu olukhululekileyo ekuthanden i izwe ngokobuzwe, isizwe, ucalucalulo kanye nocalucalulo ngokwesini.

Ngoko ke iyaphazamisa kakhulu indlela iziganeko zakutsha nje zokuchasa abantu bamazwe angaphandle kwiindawo ezithile zelizwe eziphindza zifane nocalucalulo lwethu lwexesa elidlulileyo.

Siye sabona abantu bemiswa esitratweni ngabemmi babucala kwaye benyanzelwa ukuba baveze izazisi ukuqinisekisa ubumme babo bemfuduko. Siye sabona ezinye iinkokeli zopolitiko zisenza iingxelo ezingasekelwanga kulwazi

lwezenzululwazi malunga nabaphambukeli ukuze baxhaphaze izikhhalazo zabantu ukuze bazuze ezopolitiko.

Siye sabona imingcelele isiya kumakhaya abantu kanye neendawo zabo zokuhlala zigqogqelwa ubungqina bezenzo zolwaphulo-mthetho. Siye sabona abantu behlasewa, bengxwelerheka de babulawe ngenxa yenkangeleko yabo okanye ngenxa yendlela abathetha ngayo.

Leyayiyindlela abacinezeli bocalucalulo ababesebenza ngayo.

Babesithi abanye abantu banokuhlala kwiindawo ezithile kuphela, baqhube amashishini athile okanye bathathe imisebenzi ethile. Phantsi kocalucalulo, abantu abantsundu babebonwa njengabarhanelwa ngokungazenzisiyokwayebamiswe ngamapolisa xa befunyenwe kwindawo ezazibizwa ngokuba zezabamhlophe. Abantu abantsundu babenyanzelwa ukuba bavelise idompasi kwaye ukuba babengenakuyenza loo nto, bavalelw entolongweni.

Asinakuvumela izinto ezingenablungisa ezinjalo ukuba zenzeke kwakhona.

Iziganeko ezenzeke kwi-lokishi yase-Diepsloot e-Gauteng mva nje zibe yintlekele. Kwimpelaveki nje enye, kwabulawa abantu abasixhenxe, nto leyo eyadala uqhankqalazo. Okukalahleka kwemiphefumlo kulusizi, njengoko oku ikukubulawa kom-Afrika osuka eZimbabwe ngabatyholwa ngokuthathela umthetho ezandleni zabo.

Ulwaphulo-mthetho yingxaki enkulu kweli lizwe. Kuchaphazela lonke uluntu kwaye abantu badinwe ngokufanelekileyo kuku hlala

besoyika izaphuli-mthetho.

Ngokuchaseneyo noko kuthethwa ngamaqela kanye nabantu abachasene nemfunduko, abenzi bolwaphulo-mthetho ngabantu abantsundu nabamhlophe, amadoda nabasetyhini, umntu wasemzini kanye nommi.

Ulwaphulo-mthetho, hayi abafuduki, lutshaba oluxaphakileyo ekufuneka sisebenzisane ukuze siloyise.

Asinako ukoyisa ulwaphulo-mthetho ngokuphembelela, ubundlobongela, ukugrogrisa kanye nokuthathela umthetho ezandleni okujoliswe kubemmi bamazwe angaphandle, ingakumbi abemmi abavela kwamanye amazwe ase-Afrika.

Siyavuma ukuba uninzi loluntu lukhathazekile kukubonakala ngathi amapolisa awakwazi ukujongana nabaphuli-mthetho. Phakathi kwamanyathelo esiwathathayo okuxhobisa amapolisa kukugaywa kwmagosa awongezelelweyo angapezulu kwama-12 000.

Sikwaseka kwakhona ama qonga amapolisa asekuhlaleni kwilizwe jikelele.

La maqonga adibanisa abahlali kanye nabammeli bamapolisa ukuze bekunye baphucule ukhuseleko lwengingqi kwaye babeke uxanduva emapoliseni.

Nanjengoko siqinisa idabi lethu lokulwa nolwaphulo-mthetho, akukho sizathu sokuba abantu bathathela umthetho ezandleni zabo.

Kwangaxeshanye, siyajonda ukuba imfuduko engekho mthethweni ibeka emngciphekweni ukhuselko loMzantsi Afrika, uzinzo kanye nenqubelaphambili yezoqoqosho.

Ukufudukela kwelinye

ilizwe ngokungekho mthethweni kuchaphazela unikezelolwenkonzo kwaye kubeka umthwalo owongezelweyo kwiinkonzo ezibalulekileyo ezifana no-kathalelo lwempilo kanye nemfundo.

Njengaso nasiphi na isizwe esizimeleyo, sine-lungelo lokuphumeza imigaqo-nkqubo kanye namanyathelo aqinisekisa isidima semida yethu, ukukhusela amalungelo abemmi boMzantsi Afrika kanye nokubonelela ngo-kuba bonke abantu abahlala kwimida yethu banelungelo elisemthethweni lokuba lapha.


Ukulawula imfuduko luxanduva lukarhulumente.

Akukho mmi wabucala onokuthi athathe indima yokuba ngamagunya emfunduko okanye amagunya ogcino-mthetho ngokunyanzelisa ukuba abemmi bamazwe angaphandle bavelise izazisi.

Phantsi kweCandelo lama-41 loMthetho weMfuduko, lilungu lamapolisa kuphela okanye ligosa lezemfuduko elinokucela umntu ukuba azichaze njengommi, umhla-li osisigxina okanye ummi welizwe langaphandle.

Ukuba la magosa akholelwa, ngezizathu ezi-vakalayo, ukuba umntu lowo ungaphakathi elizweni ngokungekho mthethweni, angabanjwa ngelixa kuse-nziwa uphando ngobumme bakhe. Xa besenzenjalo, amagunya ogcino-mthetho kufuneka ahloniphe amalungelo nesidima saloo mntu.

Unyanzeliso lomthetho wemfuduko ngumba ophambili kurhulumente. Sisebenzela ukuqinisekisa ukuba amaqumrhu aqhuba



ubuqhophololo bemfuduko asebenzisana namagosa anorhwaphilizo bayohlwaywa ngamatyala abo.

Njengawo onke amanye amashishini, amashishini angabemmi bamazwe angaphandle kufuneka athobe imithetho efanelekileyo, kuquka nemithetho yezemilonokhuseleko, abenawo onke amaphepha-mvume kanye neelaisensi ezifunekayo, kwaye ahlawule irhafu efunekayo.

Siyintando yesininzi esekwe kulawulo lomthetho. Izenzo zolwaphulo-mthetho ezi joliswe kubemmi bamazwe angaphandle azi-nakunyamezelwa, nokuba banamaphepha-mvume okanye abanawo amaphepha-mvume.

Namhlanje, umsindo wethu usenokujoliswa kubemmi base-Zimbabwe, a base-Mozambique, a base-Nigeria okanye abase-Pakistan. Ngomso, umsindo wethu unokujoliswa phakathi kwethu.

Masigxile ekoyiseni ulwaphulo-mthetho, kungakhathaliseki ukuba lwensiwa ngubani.❶